# Ulawulo oluzinzileyo lwemithombo yoncedo ngendalo

Injongo yale Nkqubo kukubonelela ngezisombululo zolawulo oluzinzileyo kwimithombo yoncedo ngendalo kunye neendlela zokuyisebenzisa ngokubonelela ngeenkonzo zobunjineli kwezolimo kunye nokuKhathalelwa koMhlaba, unxibelelwano kwangethuba kungekenzeni monakalo, ukulungiselela nokumiselwa kweeprojekthi nokugqithiselwa kobuchule kumafama esisebenzisana nawo kwa nakoogxa bethu. Le Nkqubo ise kwanoxanduva lokumisela ze ilawule ulungiselelo loncedo kwintlekele kunye nokuvakalisa izimvo ngokubhekisele kwizicelo zokwahlulwa kunye/okanye nokutshintshwa kwenjongo yokusetyenziswa komhlaba wezolimo.

Le Nkqubo yenziwe yaba ngamacandelo amane:

- IiNkonzo zezobuNjineli
- Ukukhathalelwa koMhlaba
- ULawulwa lokuSetyenziswa koMhlaba
- ULawulo loMngcipheko weeNtlekele

## IINKONZO ZEZOBUNJINELI

### Ukunkcenkceshela

Icandelo lokunkcenkceshela linoxanduva lokuphucula ukusetyenziswa kakuhle kwamanzi okunkcenkceshela. iProjekthi ye “FruitLook” isebenzisa indlela yokuxilongwa komhlaba kwiinkalo ezininzi ukuze kubonakale owona mlinganiselo usetyenziswa ngamanzi kwisityalo, ukungoneli kwamanzi, ukukhula okwenzekileyo kunye nezinye iindlela ezi 6 ekukhuleni kwesityalo. Olu lwazi ludluliselwa kumafama rhoqo ngeveki ukuze aphucule ngakumbi indlela yokusetyenziswa kwamanzi xa enkcenkceshela ze andise nemveliso kwizityalo. Ezi nkonzo zikwaquka nokuvavanywa kweenkqubo zokunkcenkceshela, ukuvavanywa koyilo nokusemasimini, nokugqithiselwa kobuchule malunga nokuhlelwa kwemisebenzi kunye neendlela eziyinkqubo yokusebenza. Ababoneleli ngeenkonzo kumafama amancinci babandakanya ukuvavanywa kwemithombo yoncedo ngamanzi ngendalo nokuyilwa kweenkqubo zokunkcenkceshela.

### Ukulungiswa kweematshini

Icandelo lokulungiswa koomatshini libonelela ngenkonzo epheleleyo ngokumalunga nokucwangciswa kokulungiswa kwanokusetyenziswa kweematshini zokulima kunye nezixhobo zokusebenza. Kunikwa amafama asasebenza ngendlela eqhelekileyo inkxaso ngeengcebiso zobugcisa ukuze atshintshele kwiindlela zokusebenza ngokwendlela yolondolozo lwendalo.

### Ubume bezakhiwo zeeFama

Sinayo inkonzo yesicwangciso esipheleleyo kunye neenkonzo zokuyila izindlwana zokuhlaliswa kwemfuyo kunye neendawo zokuyigcina kwakunye nendawo yokugcinwa kwenkukuma ephuma kwezi ndawo kuquka nendawo yokuhlaliswa kwabasebenzi. Sikwanazo nezicwangciso zedama lokuqokelelwa ze kugcinwe amanzi kunye neendawo zokuhlala abasebenzi basezifama. Kuyilwa ngamaxabiso afikelelekayo kwa nezindlu zokugcinwa kwemfuyo nezisetyenziswa ngamafama asakhulayo.

### Ukusongelwa kweeMveliso zoKutya kongezeke neXabiso

Inkonzo enikelwa leli candela iquka neengcebiso zezobugcisa ngokumalunga nokusongelwa okanye ukunkonkxa kwalapha efama nto leyo inyusa ixabiso lee mveliso ezenziwa ngamafama ngokwawo. Oku kuquka ukoqwayitwa kweziqhamo, ukupholiswa, ukunkonkxwa nezinye iinkqubo zokunyusa amaxabiso.

## Ukulondolozwa Komhlaba

Iinkonzo ezibonenelelwa leli candela ziquka ukucwangciswa nokuyilwa kokulondolozwa ngokunqabileyo komhlaba kunye nezisekelo zokukhusela ukhukhuliseko lomhlaba.







# UKUKHATHALELWA KOMHLABA

Ukulondolozwa kwemithombo yoncedo ngendalo eNtshona Koloni kubalulekile kwicandelo leemveliso zezolimo nakubo bonke abahlali baseNtshona Koloni abaxhomekeke ngqo nangokungathanga ngqo kule mithombo yoncedo ngendalo. Apha iSebe liqwalasela ngamandla kule mimandla ilandelayo ukuze lizalisekise umnqophiso walo wokuzama ukuphinda lahke, ligcine yaye liphucule imithombo yoncedo ngendalo ngokuthi likhuthaze ukulondolozwa ngokufanelekileyo ngabo bonke abasebenzisa umhlaba.

- Iiprojekthi zokulondolozwa kwemithombo yencedo ngendalo ngokuCwangciswa kweeFama okucacisa indawo nokwenziwa kokhuseleko, imisebenzi yemisele neyokusetyenziswa kwamadlelo.
- Iiprojekthi zokukhathalelwa koMhlaba nezigxile kuphuhliso lwemithombo yoncedo ngendalo kwiindawo ebezifudula izezabantu abahlelelekileyo.
- Iiprojekthi zokulondolozwa kwemithombo yoncedo ngendalo kwangaphambi kokuba yonakale, neziquka iindlela zokuthintela kwangaphambili ukugxagxiseka kwemithombo yoncedo ngendalo, umzekelo ukucetywa kwendawo.

# UKULAWULWA KOKUSETYENZISWA KOMHLABA

Ukukhuselwa kwemithombo yoncedo lwethu olunqabileyo lwendalo kungumsebenzi ophambili kweli Sebe yaye le nkqubo iphantsi ibonelela ngezimvo kuzo zonke izicelo zokwahlula kunye/okanye nokutshintshwa kwenjongo yokusetyenziswa komhlaba wezolimo. Uvavanyo lokohlulwa kunye nokutshintsha injongo yokusetyenziswa komhlaba wezolimo kusekelwe kumthetho wozinzo kwezolimo, nongowokuba ube wamkelekile ekuhlaleni, unokwazi ukukhulisa uqoqosho, ufanele imeko nendawo yokuphila kwezilwanyana , imveliso efanelekileyo nokuzinza kwemeko ixesha elide. Kufuneka kuthelekiswe ngengqiqo ephilileyo ezi ngongoma xa kusenziwa uvavanyo kwisicwangciso sokwenziwa komsebenzi.

# UKULAWULWA KOMNGCIPHEKO WEENTLEKELE

Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso kumafama esisebenzisana nawo ngokumalunga nolawulo lomngcipheko wentlekele kwezolimo ngowona msebenzi sijonge kuwo ngamandla. Iinkonzo ezibonelelwayo ziquka ukuthintelwa komngcipheko, iinkonzo zokubunciphisa nezokulungisa umonakalo emva kweentlekele ezibangelwe yindalo.

# Inkxaso nokuphuhliswa kwamafama

Inkqubo yeNkxaso kumaFama kunye neyoPhuhliso (FSD) iquka umba wophuhliso ngokubanzi kwiSebe lezoLimo, nto leyo ithetha ukuba ukuyilwa nokumiselwa kwazo kugxile ingakumbi ekuxhaseni amafama amnyama kwiPhondo leNtshona Koloni, kodwa alikhutshelwa ngaphandle icandelo lamafama asele ekushishino.

Le nkqubo ijolise kutyelelo nasekunikweni kwamafama iingcebiso, inkxaso kunye nolungiselelo lonikelo loqeqesho kumafama, kugxininiswa ekuphuhliseni amafama amnyaka asakhulayo, ukumiselwa kweenkqubo zobuyiselo lomhlaba kunye namaphulo ophuhliso lwezolimo emaphandleni.

Sibonelela ngezi nkonzo zilandelayo nenkxaso:

- Yokuqinisekisa ngeendlela zenkxaso ezizinzileyo kumafama amatsha nasele emile (kuquka nabaxhamli kwinkqubo yobuyiselo lwemihlaba).
- Ukuthelekisa igalelo lempembelelo zongenelelo njengoko zinikezelwa kwiNkqubo.
- Ukufumana utyalo-mali olusuka kumacandelo abucala nakumaqela esithengiselana nawo.
- Ukuqinisekisa ngomgangatho kunye nemigangatho elindelekileyo yeenkonzo neengcebiso ezinikwa amafama.
- Ukuqinisekisa ukuba sincedisa oomasipala namanye amasebe karhulumente ngokumiselwa kweegadi zoluntu nezamakhaya, ukuxhaswa kweefama nophuhliso.

## EZONA NJONGO

### Ukuhlaliswa kwamafama nophuhliso

Kukuxhasa iiprojekthi zokuzinziswa komhlaba kunye nokubuyiselwa komhlaba wezolimo ngokunikela ngenkonzo zokucwangcisa ekubahlaliseni.

### Iinkonzo zotyelelo nonikelo lweengcebiso

Ukuxhasa amafama ukuze andise imveliso yeemarike ngokubonelela ngeenkonzo zokuwatyelela ze anikwe neengcebiso; ukuqeqeshwa kwamafama asele ekushishino, asakhulayo kunye nalawo asalimela ukuziphilisa, ukuququzelelwa kwamaphulo ezolimo emaphandleni kwakunye nokuphuhliswa kwamaziko kunye nokuxhotyiswa kumaqela amafama.

### Ukufumaneka kokutya

Ukulungiselela ukufumaneka kweentlobo ezahlukeneyo zokutya nezifikelelekayo ngamaxabiso ngokuthi kuququzelelwe ze kumiselwe amaphulo okufumaneka kokutya kumakhaya nasekuhlaleni njengoko kuchaziwe ze kwamkelwa ngumbutho oyi Intergrated Food Security Strategy of South Africa.

### I-Casidra

Ixhasa iSebe ngokuphunyezwa kweeprojekthi nokulawulwa kweefama zikarhulumente.

# Iinkonzo zoqoqosho kwezolimo

Ukukhuselwa kwezoqoqosho kwicandelo leemveliso zezolimo eNtshona Koloni yinto ekungafuneki siyithathe lula, kodwa kufuneka lukhathalelwe kwaye lukhuliswe. Kummandla okhuphisana ngamandla kwihlabathi esele lisaziwa ngokutshintsha-tshintsha kweemfuno ezithandwa ngabathengi kunye nokwahluka kweemarike ezininzi, iinkonzo zale nkqubo zisisiseko solu khuseleko. Iinkonzo zibonelelwa ngokwamacandelo alo amane umz, ezeNtengiso nezoShishino kwezoLimo, uQoqosho kwiMveliso, uBalo noQoqosho oluKhulu kunye neMithombo yoncedo ngendalo.

## EZENTENGISO NOSHISHINO KWEZOLIMO

Ukufikelela kwiimarike nakulwazi olufunekayo, ukuthatha inxaxheba ngendlela enobulungisa, ukugcinwa nokumiswa ngenye indlela zibe ziimarike ezizinzileyo zezinye zezinto ezibalulekileyo nezixhalabisayo nezijongwe ngengqwalasela leli candela. Oko kujoliswe kuko akuthanga ngqo malunga nokukhangelwa kwamathuba ezemarike nomngcipheko obunokubakho ngokophando, ukulungiswa kweenkcukacha zolwazi zilungele ukusasazwa ze zihanjiswe ngendlela efanelekileyo. Nangona uphando olwenziweyo luqwalasela kwiimarike eziqhelekileyo, kukwakho uphando olwenziweyo ngokwahlulwa kwemveliso namashishini adinga ukuphuhliswa ukuze asetyenziswe. Ukulungiselela ukufikelela kwiimarike umz. ukusekwa koqhakamshelwano nabathengi, banikwe inkxaso yokuthobela imimiselo kunye noqeqesho olumalunga neemarike kunye nokungena kwiimarike ngelokuqinisekisa ukusetyenziswa kwamathuba aboniweyo kwiimarike zeli nezamanye amazwe, yenye yeenkonzo ezibonelelwayo. Icandelo lisekwajolise ekuphuculeni amandla othetha-thethwano kwamafama, kusabelwana ngobuchwephesha kusengelwa thungeni linye ngokuthi kumiselwe ukuphuhliswa koo Kopolotyeni. Eli candelo likwakhuthaza inkxaso kushishino-ngezolimo ngokongeza inkxaso, ukubonelela ngeenkonzo zeengcebiso ukuvula amathuba abonelelwa kuMqulu we –AgriBEE, ukujongana nentsebenziswano nokufunyanwa kwenkxaso-mali ukwandisa utyalo-mali kweli candela lemveliso.

## UQOQOSHO KWIMVELISO

Ngokutshintsha kobume kukhuphiswano ngezomhlaba, abasebenzi kunye nenkunzi ekufumaneni iinkcukacha nolwazi, iingcambu zokhuphiswano lukazwelonke kwezolimo zixhomekeke kwiinkqubo zezolimi nakwizenzo zolawulo lweefama. Eli candelo liphanda ze lihlalutye iindlela zokukhuphisana kwiinkqubo zokusebenza kwamafama nezenzo zolawulo malunga nezona ndlela zigqwesileyo umazwe-ngamazwe. Iziphumo zale misebenzi zisekucebiseni nasekusasazeni konke kubo bonke abafumana iinkonzo. Kufuneka kugxininiswe kwiingcebiso ezingokugcinwa kweengxelo zemali, ukwenziwa kohlahlo lwabiwo-mali, isicwangciso sokwenziwa komsebenzi kunye nokuvavanywa nezinye iindlela zeemali zokuxhasa.

## UBALO-MANANI

Ukuze kuhlolwe umzila nokwenziwa kwezigqibo ezizizo kuwo onke amanqanaba okuba noxanduva (ngaphakathi nangaphandle kwiSebe) iinkcukacha nobalo olululo noluthembekileyo lubalulekile. Lulandela ukubaluleka kokwenziwa kovimba weenkcukacha obanzi ukuze kubekwe esweni imizila ethile kwicandelo leemveliso zezolimo. Icandelo loBalo linovimba weenkcukacha  ligcine ulwazi oluninzi nolunje ngolwamaxabiso akumashishini kunye nokutshintsha kwamaxabiso emihlaba, amaxabiso ezilwanyana zasendle kunye ulwazi nezinye.  Abantu esisebenzisana nabo bayalufumana ulwazi olulinganiselweyo. Kubaluleke kakhulu ukugcinwa kweenkcukacha zeemfuno zabantu esisebenzisana nabo ekwenzeni uvimba omtsha weenkcukacha xa ufuneka yaye ezi mfuno zaziwa ngokoshicilelo lwezicelo ezikhoyo (uluhlu lwabafuna iinkonzo) kwezo zikhoyo kweli candela. Iinkcukacha ziyahlalutywa zilungiselelwe ukusasazwa kumaqonga ohlukeneyo.

# UQOQOSHO OLUKHULU KUNYE NEMITHOMBO YONCEDO NGENDALO

Umzila kunye neenkcukacha azanelanga nje ukuqinisekisa izigqibo ezivakalayo, kodwa ziyimfuneko ukuze kwenziwe uhlalityo lwezona zinto zibalulekileyo nezohlukileyo ukuze kwenziwe uvavanyo kwigalelo ezilenzayo kuqoqosho kwezolimo eNtshona Koloni. Njengoko imifuziselo yezibalo ngemathematika kunye/okanye neyezekhompyutha imele ubunyani, yaye ubunyani “bunokutshintshwa” phantsi kolawulo lweemeko ukuze kuvavanywe igalelo leemeko eyahluka ngendlela yayo. Noxa kunjalo, imifuziselo imele kwaye yenza lula oko kuyinyani. Okulandelayo, kufuneka kwenziwe iinkalo ezahlukeneyo ngengxaki enye. Injongo yeli candela kukuphuhliswa nokusetyenziswa kwecandelo elifanelekileyo lemveliso nemifuziselo yamacandelo amaninzi eemveliso ukuze kuvavanywe iimpembelelo zemiqathango yokusingqongileyo nezemigaqo-nkqubo kweli lizwe nakwamanye amazwe kwicandelo lezolimo nelezoqoqosho kwiPhondo nakwicandelo leemveliso kushishino lezolimo, kuquka noqoqosho lweli Phondo. Kugxininiswa ngamadla kuphando ngemithombo yoncedo kwezoqoqosho ngelokukhuthaza uzinzo ekusetyenzisweni kwemithombo yoncedo ngendalo ngokubhekisele kutshintsho lwemozulu (uvavanyo lwempumelelo nokulawulwa kwemithombo yoncedo ngendalo, imithombo ezihlaziyiweyo yoncedo ngendalo njengenye into enokukhethwa isetyenziswe; ukwabiwa kwamanzi nolawulo, ezolimo nokusingqongileyo, nezinye).



# Iinkonzo zonyango lwemfuyo

Inkqubo yeeNkonzo zoNyango lweMfuyo inoxanduva lokulawula umngcipheko wemfuyo kunye nokhuseleko lokutya okuphuma kwimfuyo ngokwelizwe elivela kulo kwimigangatho elindelekileyo yesizwe neyamanye amazwe kunye nezivumelwano zamazwe-ngamazwe. Igunya lezomthetho lokumisela le misebenzi ligunyaziswa ngumthetho i-Animal Disease Act, ka-1984 nomthetho iMeat Safety Act, ka-2000. Kuqwalaselwa ngakumbi kubukho jikelele bezifo eziphilayo nezingaphiliyo, ukulawulwa kwezifo nokungenelela ngokuzithintela, nokujongana nokuthunyelwa kwamanye amazwe kwemveliso yezilwanyana nokunikezelwa kweenkonzo zovavanyo-machiza okuxilonga.

## IMPILO YEMFUYO

Uwonke umngeni wecandelo leMpilo yemfuyo kwiiNkonzo zoNyango lweZilwanyana kukujongana neemfuno ezipheleleyo zabo bafumana iinkonzo kubo nabandileyo, nokulawula ngempumelelo umngcipheko owenziwa luqhakamshelwano nehlabathi liphela ngokwasuleleka nokwanda kwemfuyo kunye nezifo eziqulathwe kukutya. Kulungelelanisiwe ukucutshwa kwezifo kunye nemisebenzi yokubeka esweni, ze kwayekiswa ukuhlola okwenziwa ngesandla nangumntu ze kwasetyenziswa eyona ndlela ingqalileyo nesetyenziswa ngobu nzululwazi obuxhaswa kukusetyenziswa kakuhle rhoqo kweendlela zobuchule bobunzululwazi kunye nokulandela iinkqubo zokuxilonga. Eli candela linoxanduva lokusebenzisa umthetho i-Animal Diseases Act eNtshona Koloni. Kubekwe oogqirha bonyango lwemfuyo kunye neengcali zonyango lweemfuyo kwiindawo ezisixhenxe (7) zooGqirha bakaRhulumente kunyango lwemfuyo kweli Phondo ukuze benze imisebenze exelwa ngulo mthetho. Ukongeza kolu xanduva lolawulo olungentla, amagosa abandakanyeka ngokukhulu ukuzinikela ekuncedeni kweli candela lamafama asakhulayo. Le impumelelo ibangelwe lutyelelo rhoqo kwiindawo ezigcina imfuyo ukuze kuhlolwe imfuyo, kubonelelwe ngoncedo lonyango nokugonywa kwemfuyo, kuqokelelwe iisampuli zokuxilonga kunye nokusasazwa kolwazi olungokuthintela nokulungisa impilo yemfuyo.

## UKHUSELEKO LOKUTYA NOKUTHUNYELWA KWAKO KUMANYE AMAZWE

Icandelo lokhuseleko lokutya nokuThunyelwa kwako kumanye amazwe linoxanduva lokusebenzisa umthetho iMeat Safety Act. Oogqirha bonyango lwemfuyo kaRhulumente kunye nabahloli benyama bahlola ze baphicothe ukusetyenziswa kwemigaqo yococeko kwizilarha ezixhelayo ukuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho iMeat Safety Act. Imisebenzi yolawulo lococeko kwizilarha, iindawo zokuthunyelwa kwenyama nobisi kumanye amazwe; indlela eyiyo yokuxhelwa kwemfuyo, ukumiswa kwemigangatho kwizilarha ezintsha kunye nokuhlelwa kwamaziko asele ekho kuyimisebenzi obalulekileyo eyenziwa ngala magosa.

## AMAGUMBI OVAVANYO LWAMACHIZA ONYANGO LWEMFUYO

Igumbi loVavanyo Lwamachiza Onyango lweMfuyo kwiPhondo (PVL) nelise Stellenbosch libonelela ngenkonzo yokuxilonga kule Nkqubo, icandelo labucala lonyango lwemfuyo, amanye amaSebe afana neleMpilo kwiSizwe nokuLondolozwa kweNdalo nezoshishino ahlangene noshishino kwezolimo. Kuxilongwa iinkomo zobisi, iinkomo zenyama, iigusha, yehagu kwa namacandelo amahashe omdyarho kwakunye neenkukhu, neenciniba kuquka namacandelo eemveliso zaselwandle. Kumiselwe negumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo kwi-ofisi yonyango lwemfuyo kaRhulumente ese Beaufort West.

# Iinkonzo zophuhluso lophando nobuchule





Ukuze kuhanjelwane nophuhliso lwezobuchule bala maxesha kwezolimo nokuqinisekisa ukuba boke abanendima abayidlalayo kwezolimo eNtshona Koloni bafumana awona macebo angu ngqaphambili kwezobu nzululwazi nobugcisa, iSebe libonelela ngophando oluhambelana namaxesha nolufanelekileyo kunye neenkonzo zophuhliso lobuchule kwizithili ezintandathu ezise Ntshona Koloni. Okona kubalulekileyo kukuguqula intlawulelo engophando ibe lulwazi olunexabiso – oku kuthetha ukuba kufuneka iinkcukacha ezingobu nzululwazi zifikelele kumafama ashishinayo namancinci ezifama, kusenziwa ukuba amafama ethu abe nokuzinza okungakumbi kwaye akwazi ukukhuphisana kwiimarike zethu, kwisizwe nakwamanye amazwe.

Njengokuba uphuhliso loshishino lubeka uxinezelelo olukhulu kwimithombo yoncedo ngendalo esincedayo, oosonzululwazi beSebe kunye neziko leenkcukacha zobume bezulu lidlala indima ebalulekileyo yokuqinisekisa ngokusetyenziswa kakuhle kwemithombo yoncedo ngendalo nenqongopheleyo, umhlaba, amanzi nezityalo, ngelixa yonke imisebenzi yezezolimo esiyisebenzayo kwakunye nophando lugxile ekusetyenzisweni kakuhle kwemithombo yoncedo ngendalo. Kubaluleke kakhulu ukufunwa kunye nokubekwa phambili kweemfuno zezona zinto zibalulekileyo, ngelixa uthungelwano namanye amaqela emibutho yoshishino iqhubeka ukuwomeleza nokuwandisa.

INkqubo yenziwe yayinkqubo ephantsi yoPhando, iiNkonzo Zonanislwano ngoBuchule kunye neyee Nkonzo zeNkxaso kwiziSeko zoncedo kwaye lisebenza njengeCandelo lobuNzululwazi ngezilwanyana, iiNzululwazi ngeZityalo neeNkonzo zeNkxaso kuPhando. Eli Candelo liquka amacandelo aphantsi neeNkonzo zoHlalutyo kunye neeNkonzo zamafama.

Abajongene nokwenziwa kophando kwiSebe bamiselwe ngokukodwa kumaCandelo obuNzululwazi ngezilwanyana kunye nobuNzululwazi kwizityalo, kukho nebathwana lamagosa ophando kwiCandelo leeNkonzo zeNkxaso kuPhando. INkqubo ezisixhenxe zophando zinamagumbi ovavanyo lwamachiza avulelekileyo nangawokuxhasa iinzame zethu kwizithili ezise Ntshona Koloni.

## IZIFUNDO KUBUNZULULWAZI NGEMFUYO

ICandelo lobuNzululwazi ngemfuyo libonelela ngeenkonzo zobu nzululwazi ngemfuyo kubavelisi yaye liquka ukufuya, ukuzalisa, ukutyisa nolawulo. Kumele kusetyenziswe izakhono ezinzulu zobungcali kuphando ngezifundo-nzulu ngempahla emfutshane, iinkomo ezisengwayo kunye neenciniba. Amaziko ophando olunzulu akwabandakanya iilebhu zokutya kwempahla, ngelixa iZiko lingumnini wemihlambi elishumi elinanye yeenkomo neegusha nebalulekileyo kwisizwe, yinto leyo ebalulekileyo kwiinzame zophando. Ifama yethu yophando-nzulu ese Oudtshoorn nayo se isaziwa kwihlabathi liphela ngeqgiza layo labaphandi-nzulu ngeenciniba kunye neziko abalisebenzisayo.

## UBUNZULU-LWAZI NGEZITYALO

ICandelo lobuNzululwazi ngeziTyalo liqwalasela kwimiba yoqoqosho oluzinzileyo kwezolimo, imifuno, imihlaba ekuzingelwa kuyo neenkqubo zemveliso yamadlelo, izityalo ezingaqhelekanga, ukukhuselwa kwezityalo kwiindawo zobunzululwazi ngokhula, inzululwazi ngezifo zezityalo nokufunda ngezinambuzane, kunye nonxulumano lomhlaba nezityalo. Ukugcinwa kweendlela zokusebenza kwezolimo kwintlobo zembewu ezihlwayelwayo, iitapile, kunye neenkqubo zamadlelo kumafama asengayo zezinye zezona projekthi zenziwayo. Eli Sebe lineqela elinye lwabaphandi ngezifundo-nzulu kuMzantsi Afrika ngamadlelo eenkomo zobusi yaye linxulumanisa ulawulo lomhlaba wezebhayaloji nemveliso yobisi, umgangatho nomohluko ocacileyo wamaxabiso abavelisi.

## IINKONZO ZENKXASO KUPHANDO

ICandelo leeNkonzo zeNkxaso kuPhando libonelela ngeenkonzo zenkxaso kwiqela lethu lophando nabachaphazelekayo abangaphandle. Igumbi lovavanyo lwamachiza elihlolisisa umhlaba, amanzi nezityalo libonelela ngeenkonzo ezibalulekileyo koosonzululwazi nakubavelisi baseNtshona Koloni, ngeli xesha abenkonzo yokuxilongwa kwezifo kwizityalo besaphendula imibuzo ngale ndawana. Eli Sebe likwabonelela ngobunzulu-lwazi ngomhlaba, ezemozulu (umngcipheko nolawulo lobungozi obunokubakho), uqikelelo lwezityalo neenkonzo zokuhlolisiswa kwamabala aleleyo (GIS) kuluhlu lwabo sisebenzisana nabo. Kwenziwe izigqibo ngokusebenzisa izixhobo zeKhompyutha kunye nokunaniselana ngobugcisa bobuchule obungaqhelekanga.

Eli candelo likwabandakanyeka ekwenzeni iinkonzo zenkxaso kwiziseko ezingundoqo (iinkonzo zasezifama) kwiifama zethu zophando eziseNortier (ngaseLamberts Bay), eLanggewens (engase Moorreesburg), e-Elsenburg, eWorcester (Veld reserve), eTygerhoek (engase Riviersonderend), e-Outeniqua (engaseGeorge) nase-Oudtshoorn likwasebenza njengegumbi lovavanyo lwamachiza elivulelekileyo neziko eliphume izandla nalapho iiprojekthi zophando ezibalulekileyo kuloo mimandla, zinokwenziwa khona. Iiprojekthi nezinto ezilingwayo zisoloko zityelelwa ngabavelisi nabanye abanendima abayidlalayo kule mimandla. Iifama zethu zisebenza njengeendawo zophando zamaziko emfundo ephakamileyo, kweli lizwe naphesheya, nakumaziko e-ARC kunye nabanye abathathi nxaxheba abanomdla ekuthengiselelaneni ngeemveliso kwezolimo.

## UKUSASAZWA KOLWAZI

Iinkcukacha eziphuma kuphando zisasazwa kubavelisi ngokobuchwephesha obusebenzayo nobungqala ngqo kwingxaki kunye neendlela zokuzisebenzisa kalula. Oku kuquka ukutyelelwa nokudityanwa namafama, kusetyenziswa iWebhusaythi yeli Sebe, ukuhlohla izifundo, amaphepha ezenzilulwazi nawaziwayo, ukunikezelwa kolwazi koonomathotholo, ukunikelwa kwentetha kwabeendaba nezinye iindlela zokugqithisela ulwazi ngobuchwephesha. Kwenziwa rhoqo ngonyaka iqela lemiboniso yamafama neentsuku ezininzi zolwazi ngezolimo, kudityanwa nabantu ze baxelelwe ngolu lwazi, kusetyenziswa ubuchwephesha obutsha kumgangatho wezithili nowamafama. Eli Sebe likwaqhayisa ngencwadana yalo yokupapasha neyaziwa njenge “Agriprobe” – nepapasha inkupho rhoqo ngekota nekwaqulathe amanqaku anika umdla ngophando neminye imiba. i-“Elsenburg Joernaal” eyaziwa kakhulu nayo yinxalenye yolu papasho lwaziwayo.

# Imfundo noqeqesho oluhleliweyo kwezolimo

## IZIKO LOQEQESHO LWEZOLIMO –ELSENBURG

Iziko loQeqesho lezoLimo lase-Elsenburg (nelisekwabizwa ngokuba yi Elsenburg College) lasekwa ngo-1898 kwaye liziko lokuqala loqeqesho lezolimo e-Africa. Kwi Ripubliki yomMzantsi Afrika, iKholeji inembali entle ngempumelelo kumsebenzi wayo nowaziwa kakhulu kwezolimo, ingakumbi kwicala loqeqesho kwezolimo.

Ngoku nje, inkqubo yoqeqesho ibonelelwa kumgangatho weMfundo ePhakamileyo noQeqesho (HET) nakwiMfundo eqhubekayo kuQeqesho (FET).

## IMFUNDO EPHAKAMILEYO NOQEQESHO

Kufumaneka ezi ziqinisekiso zilandelayo:

- Isidanga seB.Agric (iminyaka emi-3)
- Isetifiketi esiPhezulu kwezoLimo (iminyaka emi-2)
- IDiploma kwezoLimo (iminyaka emi-3)
- Izifundo zezakhono kwixesha elifutshane (kumgangatho 1-4 we NQF)
- IiLearnership (unyaka 1 – kumgangatho we NQF 1-4)

Olu qeqesho luchazwe ngentla lubhekisele kushishino kwezolimo neemfuno, kuqwalaselwa ngakumbi kummandla wolimo nezityalo nemfuyo kunye neendawo eziphila kuzo eNtshona Koloni. Izifundo eziphambili zesidanga seB.Agric zezi: Ulwazi lwezoMhlaba namadlelo, iMveliso yeenkomo nempahla emfutshane, Izifundo ngolungelelaniso ekulinyweni kwezityalo, ukuveliswa kweMifuno, iViticulture (izifundo ngediliya), ubuNzululwazi ngokwenziwa kweWayini, ezoKhenketho kwezoLimo kunye nezokutyelelwa kwamafama nokunika iingcebiso. Ungakhetha izifundo zibembini kwezi ekufuneka zenziwe njengezifundo eziphambili, ze zongezwe zezinye izifundo ezichaziweyo nezinyanzelekileyo.

**ISetifiketi esikumgangatho oPhezulu sezoLimo** sisifundo seminyaka emibini esigqwesa kwinkqubo enye kwezi zimbini onokukhetha kuzo nezifana neB.Agric ngaphandle kwezobuNzululwazi ekwenzeni iWayini.

Injongo kukugcina ulwazi oluhambisanayo phakathi kolwazi olubhaliweyo kunye nokulusebenzisa ngezandla kwakunye nokuveza obunye ubuntanda-bulumko (ulwazi olunzulu) (Ngokuqeqesha ngokwenzisa umsebenzi ngezandla” kuyinto ebalulekileyo xa kubonakaliswa ulwazi ngemisebenzi yezandla. Intsebenziswano eqinileyo nabaphandi kwicala leSebe lezoLimo namafama ashishinayo kuyinkxaso eyodwa ekukhuthazeni ukuphakama komgangatho wokufundisa.

## IDIPLOMA KWEZOLIMO: UBUCHULE BOKWENZA UTYWALA

Uqeqesho **kubuchwephesha bokwenziwa kwewayini** baziwa kakhulu, kangama 85% abenzi bewayini eNtshona Koloni abafumene iziqinisekiso zemfundo e-Elsenburg. Uqeqesho lokwenza iwayini ngezandla usebenzisa ulwazi olufundeleyo ngumsebenzi esiwenza ngendlela eyiyeyethu kuphela yaye abafundi balishiya eli ziko beziingcaphephe begqwesa ekwenzeni iwayini benobugcisa nasekuthengiseni. Le yinkqubo yesifundo somnyaka omnye nejoliswe ekuqeqesheni abagqatswa njengabenzi be wayini.






*Ukuze ungenele ukwenza ezi zifundo kufuneka ube neSetifiketi esiPhezulu nesifundo esiphambili se-Oenology.* IDiploma kwizifundo ezingo **Tyelelo kuMafama** sisifundo sonyaka omnye kwinkqubo yokuqeqeshelwa amava, nekujongwa nemiba eyahlukeneyo kubuNzululwazi obungemiba engokutyelela amafama. IDiploma **kwimifuno noLwazi ngomhlab**a nayo sisifundo sonyaka omnye kwinkqubo yokuqeqeshelwa amava nesigxile ekuVeliseni, uLawulo kwezoLimo noLawulo lwemithombo yoncedo ngendalo. *Ukuze ungenele ukwenza ezi zifundo kufuneka ube neSetifiketi esiPhezulu. Gr 12.* **Izifundo ngamahashe** zizifundo zokuHlohla kuZwelonke nezithatha iminyaka emibini nezikukuFundisa abaKhweli bamahashe (zifundwa emini kuphela) kunye noqeqesho lwexesha elifutshane nesingokulondolozwa kwamahashe, nokukhwelwa kwamahashe nazo zikhona. *Ukuze ungenele ukwenza ezi zifundo kufuneka ube neSetifiketi esiPhezulu. Gr 12 ophumelele nezifundo zeMathematika.*

## IMFUNDO EPHAKAMILEYO NOQEQESHO

Ilearnership yinkqubo ehleliweyo yokufundisa nexhobisa abafundi ngesiqinisekiso solwazi lokwenza umsebenzi. Ukufunda ngeLearnership kuquka nokufundela emagumbini okufundela, ukusebenzisa amava kunye nokusebenza kwindawo yengqesho. Ziliqela iiLearnership ezahlukileyo ezibhaliswe kwi Agri-SETA ze zavunywa ngu SAQA zihlohlwa kumgangatho we NQF 1-4 kumadoda namakhosikazi.

*Ukuze ungenele ukwenza ezi zifundo kufuneka ube:*

- Abafundi abaphumelele kwimigangatho eyahlukileyo yamava okusebenza ngezandla kwimisebenzi ekwezolimo, be nezibalo/bekwazi ukubhala nokuthetha ngokusulungekileyo ngokulinganiswa nomgangatho we NQF 3 (Gr 11)
- Abafundi abangagqibanga esikolweni besenza ezolimo (Gr 12), kunye
- NoLutsha, amakhosikazi kunye nabangaphangeliyo bephuma kwiindawo zabantu abangathathi ntweni bebandakanyeka kwiiprojekthi zezolimo.

**OKUNYANZELEKILEYO: Kukuba ube nomhlaba okanye ifama apho unokwenza uvavanyo kumsebenzi wezandla.**

## IZIFUNDO ZEXESHA ELIFUTSHANE

Iziko loQeqesho lezoLimo elise-Elsenburg likwabonelela ngezifundo ezifutshane kubasebenzi kwezolimo, kumafama asakhulayo, asele ekushishino kuquka nalawo angathathi ntweni kunye nabaxhamli benkqubo yesizwe kubuyiselo lomhlaba kubantu abantsundu nakuye wonke umntu onomnqweno wokufunda ezolimo kunye naziphi na izifundo ezimayela noku. Kuhlohlwa iqela lezifundo zezakhono ezahlukileyo zexesha elifutshane ezifama, kwiindawo zokuhlala ezisemaphandleni, kwiKomkhulu le Kholeji e Elsenburg nakumaziko e FET kwiindawo eziquka i George, Oudtshoorn, Bredasdorp nase Clanwilliam. Ezi zifundo zezakhono zexesha elifutshane ziquka iinkalo zezifundo eziliqela nezahlukileyo, nezinje ngokunkcenkceshela, ukulungiswa kweeTeletele, i AVCASA (inoxanduva lokujongana namachiza ezolimo), ezeNtengiso, Ulawulo Lwezimali, Ukuzaliswa kwemfuyo, Ukuveliswa kwemifuno njlnjl. Ezi izifundo zexesha elifutshane azigxilanaga ekusebenzeni ngezandla kodwa ziphenjelelwa kokufundwe kwigumbi lokufundela. Bakube begqibile abafundi, bona nezakhono ezifunekayo Ukuze bamelane neemfuno zomsebenzi.

# Amanyathelo ophuhliso loluntu ngokozoqoqosho

Isebe leZolimo eNtshona Koloni linamanyathelo angaphandle okuphuhliswa kwabasebenzi nanokunceda ukuba uninzi lwabantu elisebenzisana nalo baxhamle.

## INKQUBO YOKUSEBENZA NGAMAVA

Eli Sebe lizibophelele kuphuhliso lwezakhono ngokunika amathuba kwabaphumelele ibanga leshumi ze abafumana umsebenzi, kwabaqhubekayo nezifundo kunye nabo sele bephumelele izifundo zesidanga ngenkqubo yokusebenza ngamava neyi Intership.

### i Internship yabanezidanga

Oku kubhekisele kubafundi abasele benesiqinisekiso semfundo enomsila bephumelele kumaziko ohlukileyo eMfundo Ephakamileyo noQeqesho navunywe ngu SAQA.

### i Internship yabafundi

Oku kubhekisele kubafundi abasazabalazela isiqinisekiso semfundo evunywe ngu SAQA, kodwa kufuneka bafundele ukufumana amava okwenza umsebenzi ukuze bazuze amanqaku okungena kumaziko ahlohla izifundo abazifunayo.

### Ukuphakanyiswa koLutsha yiNkulumbuso yePhondo (PAY) iInternship yabaphumelele u Gr 12

Le projekthi inika abafundi abaphumelele ibanga leshumi Gr 12. Kunyaka ophelileyo ukuba benze iInternship yonyaka wonke olandelayo owokufundaa kwabo. Liyavulwa rhoqo ngo Janawari ithuba lokufakwa kwezicelo yaye le nkqubo iyapapashwa kwi Webhusayithi yoRhulumente weNtshona Koloni engu: www.westerncape.gov.za (Premier's Advancement of Youth (PAY) Project).

## INKQUBO YEBHASARI / IMALI YEMFUNDO

Eli Sebe linikezela ngebhasari kubafundi abafunda ngexesha elipheleleyo lasemini kumaZiko Emfundo Ephakamileyo, ukuze bafikelele kwimfundo yesiqinisekiso esibhaliswe kwi SAQA kwizifundo ezimalunga nezolimo. Ziyafumaneka iibhasari nakubafundi abasekumabanga esikolo nabenza izifundo zemathematika kunye nobunzululwazi, kwabo bachongwe njengabagqatswa abanokuqhubekela phambili ngezifundo zabo ezimalunga nezolimo.

## INKQUBO YOPHUHLISO LWEENGCALI EZILU LUTSHA

Le nkqubo yinkqubo yokuqesha abebekade bevinjwa amathuba kwizithuba eziphezulu ngelokuxhobisa abo bebekade bevinjwa amathuba kwezintlanga zilandelayo: Abamnyama, Abebala, AmaNdiya, amakhosikazi (kuquka namakhosikazi amhlophe) kunye nabantu abaneempawu zokukhubazeka, abavunywe liZiko elivunyiweyo leMfundo Ephakamileyo ukuba benze izifundo zesidanga sesibini okanye i "Masters" (izifundo zokwenza uphando), ngokufumana amava kunye nokuboniswa ekufikeleni kwimpumelelo yezifundo zabo yezakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo kwicandelo leemveliso zezolimo.

## INDIBANISELWANO NGEZOLIMO KUMAPHULO OPHUHLISO LOLUTSHA EMAPHANDLENI (APFRYD)

Le projekthi igxile ngakumbi kulutsha lwasemaphandleni nakubantwana babasebenzi kwezolimo. Ibanika iibhasari / imali yezifundo, ukufundela amava, ukuboniswa umsebenzi, izifundo zokulungiselela izifundo eziqatha (bridging course) kwabazakwenza izifundo zemathematika nobunzulu-lwazi kwiintlangano zokuhlohlwa ngeeholide zazehlotyeni/ zasebusika kwiKholeji yase Elsenburg.

### Inkqubo yokufundela amava

Abo bafundela amava bengabachongelwe le projekthi bazakuthunyelwa kubanye abaqeshi abafuna abafundi nabathe batyikitya isivumelwano sentsebenziswano neSebe leZolimo eNtshona Koloni.

### iNkqubo yeBhasari / Imali yemfundo

inkqubo yebhasari neyemali yemfundo kwiprojekthi ye APFRYD iyafana nale yamaNyathelo Ophuhluso lwangaPhandle esele ichaziwe ngentla yaye ziyafana neendlela ekungenwa ngazo kwezi zifundo.

## INKQUBO YOKUFUNDELA UMSEBENZI

Inxenye yeprojekthi ye APFRYD, kuxhaswa abafundi abali 10 ngonyaka ukuze bazimase ukufundiswa umsebenzi kwiKholeji yase Elsenburg.

# Uphuhliso lwasemaphandleni



Kwihlabathi elinee-antlukwano zalo nalapho sele kuqhelekile ukufika kwabantu bephuma kwiindawo ezisemaphandleni nalapho uzinzo loluntu lwasemaphandleni luba phantsi koxinezelelo olumandla, le nkqubo ijongane nokuququzelela iinkqubo ezingophuhliso kubo bonke abanomdla kwiindawo ezisemaphandleni. Injongo yale nkqubo intlu-ntathu yaye zisetyenzwa ziinkqubo ezintathu neziphantsi kwezinye.

1) **Ququzelelo Lophuhliso Lwasemaphandleni-** lujonge ekusunguleni, kucwangciswe ze kubeke esweni imizamo yophuhliso kwizigaba zontathu zika rhulumente kwiindawo ezithile nezisemaphandleni ukuze kuqinisekwe ukuba zilungisiwe iintswelo eziye zaphawulwa ngokuthi kubekho intsebenziswano.
2) **Ukulungiselelwa kwezoluntu-** oku kunikelwe ekubeni kuhlanganwe noluntu ngezona mfuno zibalulekileyo emaphandleni ze anikwe inkxaso ehleliweyo nelungisiweyo ukuze kuqinisekiswe ngentatho nxaxheba yabo kumanyathelo angophuhliso nanokukhokelela kwintlalo yolonwabo yoluntu.
3) **Uphuhliso Lwabasebenzi BaseziFama-** lulungelelaniselwe ukuphucula inkangeleko kunye neemeko zoqoqosho loluntu kubasebenzi kwezolimo kunye namalugu eentsapho zabo, ngokusebenzisa uqeqesho nophuhliso.

**Siqhakamshele kwa:** Tel +27 021 808 5111 • Fax +27 21 808 5000 • info@elsenburg.com
www.elsenburg.com • www.westerncape.gov.za
Private Bag X1, Elsenburg, 7607
GPS: 18° 50'05.00"E 33° 50'42.93"S

## IIMPAWU ZENTSULUNGEKO:

**Inkathalo**
Ukukhathalela abo sibakhonzayo kwanabo sisebenza kunye nabo.

**Ukumelana nomsebenzi**
Kukwazi ukwenza usebenzi kunye nesakhono sokufeza umsebenzi esiwuqeshelweyo.

**Ukunika impendulo**
Siyaluthatha uxanduva.

**Imfezeko**
Kukuthembakala nokwenza eyona nto ilungileyo.

**Ukuveza izinto ezintsha**
Kukwamkela iingcamango ezintsha ze senze izisombululo ezinika umdla ezingxakini ezikhoyo, ngendlela enobuchule.

**Ukulandela ngempendulo**
Kukunikela ngeemfuno zoluntu kunye nezabasebenzi.

## UMBONO:

**Umbono wangaphakathi**
Kukuba ngoyena rhulumente ulawula kakuhle kule ngingqi ehlabathini.

**Umbono wangaphandle**
Kukuvulela amathuba kuluntu lonke.

**Ubambiswano Ngamandla**
Urhulumente wePhondo iNtshona Koloni unoxanduva lokunikela ngamathuba.
Uluntu lunoxanduva lokuwasebenzisa.

URhulumente weNtshona Koloni
UBAMBISWANO NGAMANDLA.

Masiwasebenzise amathuba avelayo ze senze iNtshona Koloni ibe **NGCONO SIMANYENE.**